

Imisebenzi

Umsebenzi 1

Kumaqela enu xoxani ngemfundiso yeli bali, nisakugqiba ukulibukela. Xa nigqibile ukuxoxa, bhalani phantsi, elowo encwadini yakhe.

Umsebenzi 2

Bhalani izivakalisi zibe zihlanu nisebenzisa la magama namabinza, nijonge into eqhubeka ebalini:

- . Umsebenzi
- . ukothuka
- . ukuphuma nomsebenzi.
- . isithukuthezi
- . ukupheka/ukuphekkelwa

Umsebenzi 3

- . Kumaqela enu , yenzani umdlalo ophuhlisa intsingiselo yeli qhalo.
- . Ukuba ibinguwe umbhali walo ubuya kusibhala njani isiphelelo salo? Bhala encwadini.

Umbuzo 4

Phinda ubukele ividiyo wandule ukuphendula le mibuzo ilandelayo:

- (a) Uyasebenza uFezile?
- (b) Uyasebenza uFeziwe, inkosikazi kaFezile?
- (c) Kutheni ehleli yedwa uFezile?
- (d) Uze kutyelwelwa ngumhlobo wakhe. Caphula amazwi awasebenzisayo ukuchaza abafazi abasebenzayo. Ubagxeka athini?
- (e) Ubethetha inyaniso uFeziwe xa esithi uya emsebenzini? Uthe kanti uya phi?

Umsebenzi 5

Xoxani eklasini ngokubaluleka kokuthembeka emtshatweni. Yintoni ebonisa ukuba uFezile ebemthembile umfazi wakhe? Caphula amazwi athethwa nguFezile abonisa ukuba akahambisani nale nto yokuhamba komfazi wakhe amshiye yedwa. Uthini uFeziwe xa exolisa umyeni wakhe? Bhala amazwi akhe.

Umsebenzi 6

Masithi unguFezile. Ubunokuthini xa umfazi wakho ephuma nomsebenzi uze ufumanise ukuba ebekuqhatha, ekubetha ngemf'iphindiwe, edlala ngawe. Bhala amazwi onokuwathetha kuye kwanamanyathelo onokuwathatha.

Umsebenzi 7

Zalisa izikhewu ngokuthi ufakele igama elifanelekileyo, wandule ukuguqulela esiXhoseni.

- (a) UFezile(chases) uQhinga.
- (b) UQhinga ungena.....(water)
- (c) UFezile ubabone(beach)
- (d) UFeziwe noQhinga.....(shocked)

Umsebenzi 8

Guqulela esiXhoseni:

- (a) A jackal in a sheepskin.
- (b) Is Qhinga being chased by Fezile?
- (c) What has Qhinga done?
- (d) Feziwe cooks delicious food for her husband.

Umsebenzi 9

Thatha igama elifanelekileyo kuluhlu olungezantsi olukwizibiyeli, uvale izikhewu, wandule ukuguqulela esiNgesini. Sebenzisa isinye (singular):

(hlala, wenza, ufunu, ngubani, utshone)

- (a) phantsi mhlob' am Fezile!
- (b) ntoni apha elwandle?
- (c) eso sinqanda mathe salo mfazi!
- (d) ophekela uFezile?
- (e) emanzini.

Umbuzo 10

Zalisa isikhewu ngokufakela isakhi esifanelekileyo:

1. UMacebo noFezilefika elwandle.
2.bona uFeziwe elwandle.
3. Isinqanda – mathe sikaFeziwebaleka.
4. UFezileleqa isinqanda mathe senkosikazi yakhe.

Umbuzo 11

Guqla ezi zivakalisi zilandelayo ezikwimo evumayo uzise kwimo elandulayo (**Sebenzisa isinye Is there an end parenthesis?** (singular) nesininzi (plural)):

- (a) UQhinga utshone elwandle.
- (b) UFeziwe uphume nomsebenzi.
- (c) UMacebo unomfazi
- (d) UMacebo ucebisa uFezile.